Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
JUNI 2023

P.O. Box 20, Hermanus 7200

Telephone
Hermanus 028 313 8000
Gansbaai 028 384 8300
Kleinmond 028 271 8400
Stanford 028 341 8500

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

#overstrand4all *Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni* #C4ourself

NGOOLWEZINE BOKUQALA

UWINDE NEGQIZA LAKHE BAYAYISEBENZELA IMALI YABO

Inkulumbuso u-Alan Winde noMeya uGq. Annelie Rabie balawule umqobo-ndlela kuR43.

Komnye wemilenze yokuqala yemiJikelezo yoTyelelo lweNkulumbuso yaseNtshonakoloni iNkulumbuso u-Alan Winde namalungu ekhabhinethi yephondo lakhe badlule e-Overstrand.

Injongo yotyelelo kukukhuthaza umjikelezo wokhuseleko njengenye yeendlela zokuhamba-hamba ezinokuhlanganisa uluntu nokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo. Ekuhambeni igqiza linikezele ngeebhayisekili kwizikolo eziliqela nakoonogada basebumelwaneni nokubandakanya amagosa asekhaya ekuxoxeni ngemicimbi ephathelele kukhuseleko nakukhuselo.

Ukucacisa indlela ezimisele ngayo i-Overstrand malunga nokwakha uluntu olukhuselekileyo, iNkulumbuso nabo ebehamba nabo bagqithe kuqala kumqobo-ndlela ohlanganisiweyo obulawulwa ngumhamba-ndlela, ngamagosa ogcono-mthetho namapolisa kuR43 kwisiphambuka saseSandbaai.

"Imithetho yimithetho", iNkulumbuso ikuvumile oko, isongeza ukuba nokokuba ulundwendwe kufuneka wazi ukuba kweli phondo wonke ubani kufuneka ahlale ngokusemthethweni".

Utyelelo lweNkulumbuso lugqondene nesiganeko soLwesine wokuQala esimiselwe ukuba senzeke eHermanus ngosuku olulandelayo... kwaye siphethe isisiganeko esikhumbulekayo!

Njengomboniso oyinyaniso karhulumente osekuhleni abo bebezile bachithe ixesha bexoxa ngemicimbi engxamisekileyo engaphaya kukarhulumente wasekhaya. .

INkulumbuso uWinde uvuye kakhulu yindlela enobuchule ebesibanjwe ngayo isiganeko, nangona kwakunengxolwana.

" Kukwazi kwam akakho rhulumente ehlabathini obamba ooLwezine bokuQala kwaye oku kwenza i-Overstrand ibe yeyodwa," utyibele watsho.

UKHOZO OLUTSHA LWE- R5 LUNIKWE ISIDIMA KWILUNGELO LASEMAZANTSI

UMeya uGq. Annelie Rabie ebonwabe kakhulu akufumanisa ukuba iinkozo ze- R5 ziya kubonwa kwixesha elizayo zinenkomo yeLungelo lasemaZantsi nethole layo zize iinkozo ze- 10c zibe nenyosi yaseKolone.

Iinkcukacha ezinikwe malunga nemali engamaphepha entsha yoMzantsi Afrika zikhutshwe ngosuku olandulela i-Africa's Travel Indaba, uthe uluhlu olutsha luya kwenza "Intshayelelo yokuqalisa incoko ebalaseleyo".

Malunga neyeSilimela kunyaka ngamnye iminenga yeLungelo lasemaZantsi ityelela amanzi adibi ngakwi-Cape Whale Coast ukuya kuzeka nokuzala inkonyana.

Esi senzeko sinike igama iHermanus njengomhlaba ongcono osekelwe ukubona umnenga kwihlabathi njengokuba kuneendawo oonokuya kuzo ezibalaseleyo ezifana namawa angakwiWalker Bayr.

Ezinye izithili zase-Overstrand eziliqela ezifana neDe Kelders neGansbaai, nazo zineendawo oya kuzo ezingummangaliso ezisekelwe kumhlaba okuthetha ukuba "abatyeleli bamele ukuwubona umnenga ngexesha bahamba-hamba ngakumanxweme ethu amandulo okanye besonwabela isidlo sakusasa kwibala eliphambi kwendlu lwamacedo ethu okuhlala kudidi oluphezulu," uthembise watsho uMeya.

I-OVERSTRAND ITHWESE ISISTHABA "OWONA MASIPALA UNGCONO"

NgoLwesihlanu, womhla we-12 kuCanzibe i-Overstrand yaziswe njengendawo ephumeleleyo kudidi "loWona Masipala uNgcono" kumabhaso abalaseleyo eNkonzo kaRhulumente weNtshona Koloni ibibanjelwe eCentury City Conference. Nenze kakuhle qela lase- Overstrand!

IQELA IK9 IZIDLA NGENTO YAYO

Kutsha-nje eli qela lityelele isikolo samaBanga aPhantsi iGansbaai namapolisa aseGansbaai ukuya kwenza ingqiqo/ukuqondwa kweziyobisi ngabantwana nokomeleza ubudlelwane obakhayo ne- SAPS.

Esi siganeko yingcinga yeGansbaai Community Police Forum ne-1 Life Rescue ezihlangana notitshala esikolweni ukumeleza umyalezo wokuba abantwana kufuneka baxelele ootitshala okanye ipolisa ngomzuzu beziva ukusongelwa okanye ukuxinzelelwa nanguye nabani ukuba benze into engabonwabisiyo.

Uphando lweziyobisi ngokungakhethiyo zizinja nezixhobo eziyingozi ziyabathabathekisa abantwana kwaye abanye bade bazazi.

Ikakhulu umyalezo othi, **"UMSEBENZI WEQELA NGUMSEBENZI WEPHUPHA"** womeleziwe kunokoyika amapolisa, abantwana kufuneka bazive bekhululekileyo ukubonana nawo nangaliphi ixesha.

Kule foto ngabanye ootitshala babafundi besikolo samaBanga aPhantsi sase -Gansbaai (ekhohlo ngasemva) nguFrancois Gerber, uDevin Sauls noJonathan Doyle (inqununu yesikolo); uWO Woensdregt Basson (Gansbaai SAPD); amalungu eqela iK9 uVelencia Solomons noDemi, Umhlolo uLance Mara weK9, uPatrick Stranfliet noSassy; noJuston de Koker weQela loKhuseleko lasemaPhandleni.

ISIZATHU SOKUFUNEKA KOKUTSHISA OKULAWULWAYO

Kwimimandla enobuntununtunu bezinto eziphilileyo nendawo eziphila kuzo njengase-Overstrand apho imililo yamatyholo ingenzi isisongelo esikhulu kuphela kubom nakwimpilo ingabangela ilahleko kubom bezityalo ezahlukeneyo nobezilwanyana, ukutshiswa okulawulyo kunceda ekunciphiseni izinto zezilwanyana ezinokuvutha ezinokuphemba umlilo.

Oku kutshiswa kwenziwa ngokuphathelele kwishedyuli emiselweyo kulungiselelwa"ixesha lomlilo" lonyaka (oko kukuthi ngexesha loyaka apho imililo yamatyholo ilindeleke ukuba yenzeke).

Le shedyuli igqitywa ngokulandela ukucetyiswana okukhulu neCapeNature kwaye ibandakanya intsebenziswano neGreater Overberg Fire Protection

Association, uMasipala wesiThili sase-Overberg, i-Enviro Wildfire and Working on Fire nokungenanzuzo njengeVolunteer Wildfire Services neKogelberg Biosphere Wildlife Rescue Volunteers.

Njengoko abenzeli bebaninzi ababandakanyekayo xa kusenziwa ukulawula kokutshisa kwenziwe isiXokelelwano sokuLawula iSehlo (Incident Command System) njengomgangatho wokuphatha, ukulawula, ukulungelelanisa nokuphendula nakweliphi ixesha likaxakeka.

Kwakhona ukutshisa kwahlula kumasebe okusebenza, nganye lineqela elabelwe lona ekufuneka ligqalasele kwiinjongo ezithile phambi nasemva kokutshisa okulawulwayo.

Ngexesha lokuqala lokutshisa okumiselweyo ngowama-2023 kubandakanyeke iihekta ezingama-80 kwiiNtaba zeBlesberg kummandla waseBetty's Bay, u-Angelo Aplon (uMncedisi woMphathi oPhezulu womLilo wase-Overstrand: UkuSebenza nokuQeqesha) esebenze njengomPhathi weSehlo.

"Malunga nabantu abali-150 abathabathe inxaxheba ekutsheni, apho abangama-60 ibingamavolontiya asePringle Bay, aseBetty's Bay naseRooi Els enze 'uphando lobomi basendle nentlangulo" phambi nasemva komlilo," utshilo u-Aplon.

Jikelele u-Aplon uvuye kakhulu sisiphumo sokutsha nentsebenziswano yabahlali jikelele.

Ngelishwa njengoko kunikwe ingxelo yiKogelberg Biosphere Wildlife Rescue Team, ukufa okuninzi kobom basendle bungabalelwa kwisantya esiphezulu sabaqhubi bezithuthi ngaku-R44 ngenzame zokubaleka umsi obangela ukuba izilwanyana ezifana namasele, amanwabu nomhlangala- ezibaleka amadangatye- zibe nokunyathelwa.

"Le meko ilusizi," utshilo u- Aplon "yimfanelo yase-Overstrand nomhamba-ndlela wePhondo ukuqinisekisa ukhuseleko loluntu nabaqhubi. Ngoko akukho sizathu sokuphaphazela- okanye ukuhamba ngesantya esiphezulu."

Siqhubela phambili, umPhathi oPhezulu womLilo wase-Overstran uLester Smith usixelele ukuba oko kwabakho imililo emiselweyo kulula kakhulu ukulawula kwaye nokwenzakala okubaleka kwimililo yamatyholo inokuncitshiswa, "siya kuqhubeka sihlola zonke iindlela zokukhusela intsebenziswano epheleleyo yoluntu lonke nokuqinisekisa ukuba senza kwimidla engcono yommandla wethu ocekethekileyo".

Ngentsebenziswano yeCapeNature, yeGreater Overberg Fire Protection Association, kaMasipala wesiThili sase-Overberg , ye-Enviro Wildfire and Working on Fire as neeNkonzo zoBomi basendle bomVolontiya (Volunteer Wildfire Services) nqela eKogelberg Biosphere Wildlife Rescue team, iSebe lomLilo lase- Overstrand ligqibe ukutshisa kokuqala okulawulwayo ngex'elingaphambili lexesha lomlilo wowama-2023 ngaphandle kwesehlo. Kukuncoma abacimi-mlilo namavolontiya kumsebenzi owenziwe kakuhle phantsi kolawulo lomPhathi weSehlo u-Angelo Aplon bekukho uMeya Gq. Annelie Rabie, iSekela-Meya uLindile Ntsabo, umPhathi oPhezulu uLester Smith, umPhathi: Iinkonzo zokuKhusela uNeville Michaels, UMphathi oPhezulu: IiNkonzo zokulawula umMandla uLiezl de Villiers nomPhathi woLondolozo lweziTyalo nezilwanyana ezahlukeneyo: uTarron Dry.

Ifoto yenziwe ngenceba kaJoan Isham

IFUMENE INKXASO KUKHENKETHO **LWASE-OVERSTRAND**

Ukulandela iintsuku ezintathu zothungelwano olukhulu nokurhweba kwi-Africa's Travel Indaba yowama- 2023 eThekwini iqela likamasipala wase-Overstrand libuyele ekhaya ukunika ingxelo yokuba belineendawo ezahlukeneyo zoukbonisa ezibe yintlawulo egqibelele kakhulu.

Kwiminyaka edlulileyo umasipala wase-Overstrand wabelwa idesikana njengenxalenye yendawo yeWesgro. Kulo nyaka, nangona iqela lamagosa aphezulu (ebekhokhelwa nguGq. Annelie Rabie kwisikhundla sakhe njengoMeya wePotifoliyo yoKhenketho) bahambe ngokupheleleyo njengababonisi abanye kuphela ukusasaza ilizwi elifanele negnyaniso ukunconywa okufunyenwe yi-Overstrand njengendawo eyinketho ekuyiwa kuyo.

ITravel Indaba liqonga apho ababonisi abavela kumazwe angama-21 e-Afrika abonisa ngeemveliso zawo zokhenketho neminikelo.

I-Overstrand yaziswe kakhulu kwi- Indaba ngowama-2023 ngeeNtshukumo zoLwandle (Marine Dynamics) kuboniswa kwindawo yendlela zeLizwe lePhondo (Cape Country Routes); ihotele iMarine namaphulo kaKrebe omHlophe kwindawo yokubonisa ye-African Travel and Tourism Association; hotele i- Arabella Hotel Golf indawo enomthombo wempiliso kwindawo yokbonisa eSouthern Sun; neMosaic Lagoon Lodge njengenxalenye yeendawo ezinoKhanyiselo; iCoot Club njengenxalenye yeClassic Portfolio; neNydia Carelse njengenxalenye yendawo yomboniso yeHidden Gems SA Tourism,ekubeni umyezo wezilwanyana iGrootbos Private Nature Reserve neSA Forest Adventures bezineendawo zazo zokubonisa.

I-AFRICA'S TRAVEL INDABA: IPHUME YONKE UKUQAQAMBISA IBALI LASE-OVERSTRAND

Abasefotweni apha nguMeya wase-Overstrand uGq. Annelie Rabie, umPhathi kamasipala uDean O'Neill, umPhathi woKhenketho lwase-Overstrand uFrieda Lloyd nowoKhenketho laseGansbaai uGlenda Kitley.

Kwakhona kwi-Indaba bekukho iintengiso zika- Annamarie zendlu yokundwendwela iPottingshed Guesthouse, uCharl de Kock wehotele iWhale Coast, uMadeleine Smuts we-The Windsor, u-Alta Pretorius waseHermanus Business Chamber, noJeanette du Toit womSitho wemiNenga waseHermanus.

Icebo ngoku kukubona ukuba iqela labachaphazelekayoelikhulu lingathathwa kwiTravel Indaba lowama-2024 .Nangon kunjalo ulungiselelo oluphathelele kukuya kuhambo lubonisa ukutyhafisa ngoko ukuceba okucoselelweyo kuya kufuneka.

Umxhasi othembekileyo wokhenketho uphandliwe!

Ukususela kowama-2003, u**Glenda Kitley** (umPhathi woKhenketho lwase Gansbaai) uhambela iTravel Indaba ngaphandle kokusilela waze kwakho wangenela ibhaso loKhenketho laseMntla Koloni elenziwa minyaka yonke.

Kunyaka ngamnye ishishini ledayimani linikezela ngeedayimani ezimbini njengenxalenye yomvuzo/yebhaso apho abaphumeleli bangahamba nebhaso lwendawo yokuhlala- okanye enye yeedayimani.

Kulo nyaka uGlenda ube nethamsanqa: Uphumelele idayimani!

Ebuzwa malunga nembono yakhe yeTravel Indaba yowama-2023 Travel uthe: Ndiyifumanise inobuqu bam kakhulu kwaye indiqinisekisile ukuba uqhangamshelwano esilwenzileyo luiza kutsala abakhenkethi abaninzi kakhulu e-Overstrand. Njengoko kusoloko kunjalo ukuntywila kookrebe usendlwini yezilwanyana notyelelo lwezilwanyana zazemanzini ezintlanu kube ngumtsalane kakhulu."